ISIFUNDO SESIKOLO SESABATHA SABANTU ABADALA

3 UKWENZELA UTHIXO ABAHLOBO:

UVUYO LOKUBA NESABELO EMSEBENZINI KATHIXO

Revival
&REFORMATION

Read Scripture with the global Adventist community.

Engage with prayer needs from around the world.

Discover spiritual resources to help you grow.

REVIVALANDREFORMATION.ORG

Okuqulathiweyo

1	Kungani ukuba Kungqinwe? —*Juni 27-Julayi 3*	4
2	Ubungqina Obunempumelelo: Amandla Wamava Omntu —*Julayi 4-10*	12
3	Ukubabona Abantu Ngamehlo KaYesu—*Julayi 11-17*	20
4	Amandla Omthandazo: Ukuthandazela Abanye—*Julayi 18-24*	28
5	Ukungqina Okuqhutywa NguMoya—*Julayi 25-31*	36
6	Uxanduva Olungenamida—*Agasti 1-7*	44
7	Ukwabelana NgeLizwi—*Agasti 8-14*	52
8	Ukulungiselela NjengoYesu—*Agasti 15-21*	60
9	Ukuphuhlisa Ingqondo Ephumelelayo—*Agasti 22-28*	68
10	Indlela Ethabathekisayo Yokubandakanyeka- *Agasti 29-Septemba 4*	76
11	Ukwabelana NgeBali LikaYesu—*Septemba 5-11*	84
12	Isigidimi Esifanele Ukuhanjiswa—*Septemba 12-18*	92
13	Inyathelo Lokholo—*Septemba 19-25*	100

Iofisi Yabahleli
12501 Old Columbia Pike
Silver Spring, MD 20904

Sityelele Kwi-Web site:
http://www.absg.adventist.org

Onegalelo Elikhulu Esifundweni:
Mark Finley

Umhleli:
Clifford R. Goldstein

Isekela-mhleli:
Soraya Homayouni

Umanejala Wopapasho:
Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:
Sharon Thomas-crews

Ohlanganisa Konke EPacific Press:
Tricia Wegh

Umzobi Nocwangciso:
Lars Justinen

Oguqulele EsiXhoseni
Mpumelelo I. Buwa

© 2020 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Iiofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne`logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference.

Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yiofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Isikhokhelo esi siphantsi kwenkokhelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze, ngolo hlobo, singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

Iinguqulelo ZeBhayibhile Ezisetyenzisiweyo (Zimbini ezesiXhosa):

Eyokuqala: IZIBHALO EZINGCWELE: U'Hlaziyo lweNguqulo yeMvumelwano, kuHlaziyo loBhalo-magama oluVunyiweyo, uhlelo lweshumi elinambini 2010; ushicilelo lwesihlanu 2014.' [Yeyona isetyenzisiweyo koku kuguqulwa kwale ncwadi].

Eyesibini: IBHAYIBHILE: Inguqulelo entsha egqityezelwe ngowe-1996. Xa kucatshulwe kuyo kubhalwa IBHAYIBHILE emva kwaloo ndima icatshulweyo.

Ukuba kwenzekile kwasetyenziswa okuphuma kwinguqulelo yesiNgesi, kuya kwaziswa noko. [Nazo ezesiNgesi zisetyenziswe ngemvume kwisifundo esiguqulwayo

Ukusetyenziswa kwegama i"Bhayibhile" kubhekisa nakweyiphi inguqulelo, ngaphandle kwaxa libhalwe ngqo emva kwendima ecatshulweyo.

Ukwenzela UThixo Abahlobo:
Uvuyo Lokuba Nesabelo Emsebenzini kaThixo

Kukho amaxesha ekuthi ukubamba ingcamango eyodwa kwenze umahluko omkhulu ebomini bethu. Kwiminyaka eliqela eyadlulayo, ndihleli entlanganisweni yabafundisi nendandisebenza nabo. Ingxoxo yajika yaya ekwabeleni abanye ngenkolo yethu, ukungqina, nokuvangela. Omnye wabahlobo bam weza nale ngcamango, "Uvangelo ngumsebenzi ophambili kaThixo. Usebenzisa zonke izixhobo zezulu ukusindisa eli lizwekazi (planeti). Umsebenzi wethu kukuba sisebenzisane naYe ngovuyo emsebenzini waKhe wokusindisa abantu abalahlekileyo." Kwaba ngathi kususwe umthwalo omkhulu emagxeni am. Yayingenguwo umsebenzi wam ukusindisa umhlaba olahlekileyo. WawungokaThixo. Olwam uxanduva kukusebenzisana naYe koko wayesele ekwenza.

Ingcamango yokuba uvangelo ngumsebenzi kaThixo icaciswe kuso sonke isiBhalo. USolomon uyibeka ngolu hlobo, "[UThixo] nephakade ulinikele ezintliziyweni zabo" (Intsh. 3:11). Xa ubani ezalelwa kulo mhlaba, uThixo ubeka ulangazelelo lukanaphakade ngaphakathi kwendalo yakhe loo mntu. Ngamazwi ka-Augustine, "Nkosi, senzelwe wena, zaye iintliziyo zethu azisokuze zikuzuze ukuphumla zide ziphumle kuwe." NgokweVangeli kaYohane, UYesu "ulukhanyiso," olukhanyisela bonke abantu abazalwa kulo mhlaba (Yohane 1:9). UThixo akanelanga ukubeka ngaphakathi komntu ngamnye ukulangazelela Yena, kodwa ukwathume uMoya Oyingcwele ukuba asitsalele kuYe.

Wonke umnqweno wokwenza okulungileyo, konke ukusiqonda isono, kuvuselelwa nguMoya Oyingcwele. Wonke umnqweno wokulungileyo nokukekelela kububele nokungabi namona, kukhuthazwa kuqala nguMoya Oyingcwele. Naxa singade singakuqondi okanye

sikwamkele oko, uMoya Oyingcwele usebenza ebomini bethu ukusitsalela kuYesu. (Yohane 16:7–15). Kanti ke, uYesu ngokwaKhe usesona sipho sikhulu kuzo zonke.

Xa uhlanga loluntu lwalulahleke esonweni ngendlela engenalo ithemba, lugwetyelwe ukufa ngonaphakade, uthando lukaThixo lwasuka ukuba lungenelele. ULuka ubhala athi, "Kuba uNyana woMntu weza kufuna nokusindisa oko kulahlekileyo" (Luka 19:10). Umpostile uPawulos wongeza athi, "Ke yena uThixo uqondakalisa okwakhe ukusithanda ngokuthi, sakubon' ukuba sisengaboni, uKristu asifele" (Roma 5:8). UThixo wahamba phambili ekusindisweni kwethu. UKristu washiya uzuko nokuqaqawuli bezulu weza kulo mhlaba umnyama sisono ngomsebenzi wokuza kuhlangula.

Kwangaphambi kokuba sicathule okomntwana ukuya kuYe, wagxanya ukuza kuthi. Kwangaphambi kokuba sinikele ubomi bethu kuYe, wasilungiselela usindiso ngokufa kwaKhe. Saye sizintshaba zaKhe, kanti Yena wayengumhlobo wethu. Samnikela umva, Yena wajika wasijonga. Sasingamkhathalele nakangako, kodwa Yena wasikhathalela ngokugqithisileyo.

KuLuka 15, uzotywa njengomalusi okhangela esentlungwini imvu yaKhe elahlekileyo, nomfazi ofuna ingqekembe yakhe elahlekileyo yesilivere nenexabiso lekhazi, sele engathi ligeza, kwakunye nengwevu edlwayiza ihlangabeza intwana yaYo eyayilahlekile. UEllen G. White intetho emangalisayo efanele ukucamngcwa: "Icebo elikhulu losindiso labekwa kwasekusekweni kwehlabathi. UKristu akazange ame yedwa kulo msebenzi umangalisayo wokuhlangula umntu. Kwiqumrhu lasezulwini, ngaphambi kokuba udalwe umhlaba, uYise noNyana banqophisana kunye ngelithi, ukuba uthe umntu akanyaniseka kuThixo, uKristu, okunye noYise, uya kuyithabatha indawo yomgqithi-mthetho, amkele isohlwayo sobulungisa esifanele ukuwiswa phezu kwakhe umgqithi-mthetho."—The Advent Review and Sabbath Herald, November 15, 1898.

Camngca ngoku okomzuzwana. Sinelungelo elingathethekiyo noxanduva olumangalisayo, kwakunye novuyo olungunaphakade lokuba nenxaxheba kunye noKristu nokusebenzisana kunye naYe emsebenzini awuthunyiweyo. Zingaloo nto ezi zifundo zale kota.

Inzalelwane yaseConnecticut, USA, uMarko Finley, umvangeli owaziwa kwizwe lonke, waba lisekela-mongameli kwiGeneral Conference kwiminyaka 2005–2010. Emva kokuthabatha umhlala-phantsi, waba ngumncedisi kumongameli weGeneral Conference. Umfundisi Finley nenkosikazi yakhe, uErnestine, banabantwana abathathu nabazukulwana abahlanu.